




Iphupha lika Graca

Umnikazi wale ncwadi ngu:









Iphupha lika Graca

Written by Melissa Fagan

Illustrated & designed by Karlien de Villiers & Marike le Roux

with the help of the Book Dash participants in Cape Town on 30 August 2014.

Translated by Bangula Lingo Centre cc.

ISBN: 978-1-928318-42-2

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence (<http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/>). You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

Attribution: You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use.

No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.

Notices: You do not have to comply with the license for elements of the material in the public domain or where your use is permitted by an applicable exception or limitation.

No warranties are given. The license may not give you all of the permissions necessary for your intended use. For example, other rights such as publicity, privacy, or moral rights may limit how you use the material.





Iphupha lika Graca



Melissa Fagan, Karlien de Villiers
and Marike le Roux





U-Graça wayesezakuzalwa kwilali encinane ese Mozambique. Ilizwe lalihluphekile kwaye abantu babengekazilawuli. Abantwana babengenazo izikolo ezifanelekileyo kwaye uninzi lwabo lwalungakwazi ukufunda. Umama ka Graça wayenephupha lokunika abantwana bakhe amathuba abhetele. Kodwa ngaphandle kwemfundo ithemba lalilincinane.







Usana olungu Graça uzakuba ngumntwana
wesithandathu. Kodwa ngesehlo esichulumancisayo
kwakukho udano olukhulu. Utata wabo
abamthandayo wayegulela ukufa. Wayenephupha
lokuba intombi yakhe encinane kakhulu ingaya
kwisikolo esifanelekileyo. Wayesazi ukuba imfundo
ingamnika amathuba angazange yena abenawo.
Usapho lwakhe lwathembisa iphupha likatata
wakhe ukuba libeyinyaniso.







Kwiiveki nje emva kokusweleka kukatata wabo, usana olutsha lwazalwa. Wanikwa igama elihambiselana nobuhle kunye nentsikelelo ebenayo – Graça. Njengokuba iminyaka igqitha, u-Graça weza novuyo olukhulu kusapho lwakhe kwaye basigcina isithembiso abasenzayo kutata wabo. U-Graça uzakufumana imfundo efanelekileyo.







U-Graça wazimisela kakhulu esikolweni kwaye njengolutsha wafumana isipho esasizakuguqula ubomi bakhe. Yayisisibonelelo ngemali yokufunda kwisikolo esityebileyo sasedolophini. Wabanephupha lokuba ngutitshala kwaye asebenzise imfundo yakhe ekufundiseni abanye abantu. Wayefuna abantwana base Mozambique yakhe ayithandayo ukuba bakwazi ukufunda kunye nokubhala. Wabanephupha lexesha apho bonke abantwana bengaya esikolweni.







U-Graça waqhuba kakhulu kakhulu kwesa sikolo sasedolophini nakwiminyaka elandelayo wasikeleleka kwakhona. Kwaba sesinye isibonelelo semali yokufunda eyunivesithi kude e-Portugal. Wadibana nabahlobo abatsha, wafunda iilwimi ezintsha kwaye wafunda iincwadi ezininzi. Walifezekisa iphupha lakhe lokuba ngutitshala.


Konke oku kwamvuyisa kakhulu u-Graça. Kwakukho into enye kuphela eyayisamenza ukuba adakumbe...







Emva ekhaya abantu babengekakhululeki. Kodwa ngoku u-Graça wayenemfundo, ubuchule, kunye nethemba. Wayenabahlobo kananjalo ababenemvakalelo njengaye ngamalungelo abantwana ukuba bafunde. Ebezakusebenzisa ulwazi lwakhe kwaye asebenze nabahlobo. Bekunye babezakuzisa utshintsho e-Mozambique.








Ekugqibeleni ngoncedo lwabo bonke
abahlobo bakhe, i-Mozambique
yakhululeka!







Indoda eyakhethwa ukuba ikhokele ilizwe
yabangumhlobo othandekayo ka Graça
u-Samora Machel. Bathandana kwaye
batshata.





U-Graça wanikwa umsebenzi obalulekileyo wokuqinisekisa ukuba bonke abantwana base Mozambique bafumana imfundo efanelekileyo. Yayingumsebenzi onzima kuba kwakukho abantwana abaninzi e-Mozambique ababengenako ukufunda. Wayesazi ukuba babefuna imfundo kwaye wayefuna ukwenza utshintsho lokwenyani kwilizwe lakhe. Waqalisa ngezikolo zamabanga aphantsi kwaye wathumela amakhwenkwe kunye namantombazana kumagumbi okufunda. Ukufunda yayilugqaliso lwakhe kunye nokunika abantwana iincwadi ezandleni.









U-Graça kunye no Samora babanabantwana ababini. Babelana ngephupha lokwenza iimpilo ezintle kusapho lwabo nakubantu baseMozambique. Babonwabile kwaye benethemba.

Usuku olubi kakhulu emva koko, u-Samora wasweleka kuntlitheko lwenqwelo-moya.





U-Graça wazilela u-Samora
kangangeminyaka emininzi, kodwa
wafumana uthando kwakhona. Wadibana
nendoda eyachitha ubomi bayo kananjalo
iphupha ngokuzisa inkululeko, ithemba kunye
nemfundo kubantu bayo.

U-Graça watshata Nelson Mandela kwaye
bekunye basebenzela ukunceda abantwana
base Afrika.






Amaphupha ka Graça afezekiseka. Waba ngutitshala. Wabhiyozela inkululeko yelizwe lakhe. Wenza ukuba kubeyinyani kubantwana abaninzi ukuba bafumane imfundo, kunye namathuba okuphumelela izinto ezinkulu kakhulu kananjalo.











Nantsi incwadi, mntwana
wam. Izakukhuthaza ukuba
wenze ntoni?

